


UKUTHENGA IZINTO ZOKWAKHA



HOAP

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI





UKUTHENGA IZIXHOBO ZIKWAKHA

Ukwakha indlu entsha okanye ukwandisa kulo ndlu onayo kungayi projekthi exabisa kakhulu. Kufuneka uplane ngobulumko apho unokufumana izixhobo ezikulungeleyo yaye zinexabiso elifikelelekayo zibezikufutshane nalendawo wakha kuyo.



AMANQANABA ONOKUWALANDELA PHAMBI KOKUBA UKHETHE IZIXHOBO ZOKWAKHA

Inqanaba 1 - Lungisa isicwangciso sotshintsho (plan) oza kulwenza okanye ukwengezelela okuthile.

Inqanaba 2 - Sebenzisa isicwangciso sakho ekudweliseni izixhobo zokwakha eziza kufuneka kulo msebenzi.

Inqanaba 3 - Bala ixabiso ngalinye lwezixhobo ezizakufuneka.

Inqanaba 4 - Bala iindleko zomsebenzi wokwakha usebenzise uluhlu lwezixhobo zokwakha kunye namaxabiso (ngokobungakanani).

Inqanaba 5 - Yibanesigqibo ngezixhobo ebezikhe zasebenza oza kuzifumana.

Iplani yakho ingaba ngumzobe osentlakantlaka. Ngaxesha linye iplani yolwakhiwo olusemthethweni yenza kubelula ukugqiba ngexabiso elithe ngqo lezixhobo ezifunekayo yaye loo nto ingakunceda ekongeni imali yakho ethubeni. Iplani yolwakhiwo olusemthethweni izotywa ngumyiliwezakhiwo.

Xa sele une-plani ungakwazi ukubuza kumntu onamava ngokwakha okanye kumthengisi zixhobo akuxelele ukuba ziziphi izixhobo ozakuzifuna yaye uyakufuna kangakanani. Umthengisi zixhobo angakuxelela ngexabiso lezixhobo (materials).



UKUKHETHA IMPAHLA YOKWAKHA EFANELEKILEYO

Buza kubakhi abanamava kunye nabantu abanezindlu ukuba zeziphi iimpahla zokwakha ezifanelekileyo.

- Zeziphi ezifikelelekeyo ngamaxabiso, ezisoloko zisetyenziswa ,iimpahla zomgangatho onguwo ezifumanekayo kufuphi nalapho uhlala khona.
- Zeziphi iimpahla zokwakha ezifanele imozulu yengingqi kunye namaqondo. Ingaba ziza kumelana nobushushu, ingqele ,umoya nemvula?

UKONGA INKCITHO


Dibanisa iindleko zempahla yokwakha kumaxabiso okuthutha impahla kunye nokusebenza kukamakhi. Oku kuzakunika ingqikelelo yeprojekthi iyonke. Ukuba oku akungqinelani nohlahlo-lwabiwo mali lwakho (ibhajethi),usenakho ukucutha indleko ngokulandela oku kulandelayo:

- Cutha ubukhulu (isayizi)yesakhiwo okanye amagumbi.
- Sebenzisa izixhobo zokufakelela isakhiwo sakho ezimbalwa kwanezi namaxabiso aphantsi.
- Thelekisa amaxabiso ezixhobo zokwakha okanye uthenge xa kukho intengiso yempahla ezishiyekileyo ngamaxabiso aphantsi.
- Thenga impahla yokwakha ebekhe yasetyenziswa esemgangathweni.
- Cela amacebo kubakhi abanamava kunye nabanimimzi malunga nokonga inkcitho kwimpahla yokwakha neyokusebenza (labour costs).
- Thetha-thethana kunye nomakhi malunga nexabiso elingcono lomsebenzi wabakhi,ubone ukuba wena nosapho lwakho aninakuwenza ngokwenu na omnye umsebenzi.
- Amaqela abanimimzi asenokwenza amaqumrhu okonga imali khon'ukuze kuthengwe izinto zokwakha ngezixa ezikhulu kwabelwane ngeendleko zesithuthi ze kwenziwe uthetha-thethwano ngezaphulelo zamaxabiso.



ELONA CEBO LIBALULEKILEYO LELI

- Khetha izixhobo zokwakha ezisemgangathweni, ezifanele iimfuno nemeko yakho.
- Bala ixabiso elililo elifunekayo lezixhobo zokwakha.
- Qikelela iindleko zempahla yokwakha, ujonge uhlahlo- lwabiwo mali lwakho (ibhajethi).



AMACEBISO:

- Amaplanga akhe asentyinziswa waqabe iPhenta Chlore Phenal (PCP) ukuze angaboli.
- Sukuzithenga izinto ze asibestosi esezisetyenzisiweyo ezinjenge bhodi yesilingi, upahla, igatari nemibhobho ehamba phantsi komhla. Ezizinto zingaku gulisa.



IIMPAHLA YOKWAKHA EBIKHE YASEBENZA

Ukusebenzisa impahla yokwakha ebikhe yasebenza yindlela elungileyo yokonga iindleko. Le mpahla yokwakha ilandelayo ifumaneka lula kwaye kukhuselekile ukuyisebenzisa noba ibikhe yasebenza:

- Izitena
- Ifestile zamaplanga kunye nemigubasi (khangela ukuba ayiboli na imithi kunye kunye nooqongqothwane).
- lifreyimu zentsimbi ezomeleleyo (jonga ukuba akukho kujijeka na kwifreyimu kuba oko kungakhokhela ekuruseni).
- Amaplanga okuxhasa umgangatho, upahla kunye nesilingi (khangela ukuba ayiboli na imithi kunye nooqongqothwane).
- lisinki zasekhithshini (indlu yokuphekela).

EZINYE IINDLELA

Kukho ezinye indlela ezininzi eziqhelekileyo ezisetyenziswayo kwizixhobo zokwakha. Ezinye zazo zitshiphu okanye zibhetele kubume bemeko yendawo. Apha ngezantsi kukho eminye imizekelo enokuthi ithathelwe ingqalelo:

INDAWO EYAKHIWAYO	IZIXHOBO EZIQHELEKILEYO EZISETYENZISWAYO	EZINYE IINDLELA
Isiseko	i- 600 X 200 mm yesiqwenga somgangatho wekhonkrithi (kumsele wesiseko kombiwa ezantsi ukuqinisa umhlaba ovelayo)	Iplanga lophahla lekxonkrithi, isixwemba somgangatho, okanye umqadi womphantsi kwimihlaba engazinzanga .
Iindonga	I- 140 mm yeendonga zezitena zekhonkrithi kunye nomaleko wokukhusela. Umaleko wokukhusela ubekwa ngaphezulu kangange 150 mm zomhlaba olungelelanisiweyo ogqityiweyo, isibambi sitena siba phezu kweengcango neefestile. Izitena zifakwa ikhonkrithi ngaphantsi komgangatho.	Isitena sodonga , izitena ezinomngxuma, izitena eziqinileyo zomhlaba, izitena zomhlaba zesamente , icandelo locango lodonga, iingxowa zentlabathi kumgubasi wamaplanga.
Imigangatho	Ama- 75 mm yesixwemba sekxonkrithi kwinwebu yomaleko wokukhusela, kumhlaba oqinileyo omaleko ubukhulu bungama-300 mm.	Isixwemba sekxonkrithi esingama 100mm + intsimbi eyomeleleyo ebambeelayo ukuqinisa umhlaba.
Iifestile kunye nemigubasi yocango	Umgubasi wefestile zentsimbi kunye neeglasi ezi-3 mm ,imigubasi yamacango, amaplanga emiranti (okanye imigubasi yakwa Clisco yamacango/yefestile)	Umpayini waseMzantsi Afrika , amaplanga emiranti, okanye imigubasi yefestile / amacango e-Aluminiyam.
Isakhiwo sophahla	Ipurline yamaplanga ophahla ompayini aseMzantsi Afrika okanye izixhaso zeplanga i-purline ukwenzela amashiti ophahla	Izixhaso zompayini waseMzantsi Afrika , umqadi womqolo wophahla kwakunye namaplanga ophahla kunye namaplanga emade amnxinwe ukwenzela iithayile zophahla
Ukugqitywa kophahla	Izinki nesamente yentsinga (I-asbestos) kuma 228 x38 mm yamaplanga ophahla ipurline, okanye ama-76x50 mm yeepurline.	Iithayile zophahla zekhonkrithi (Amaplanga amade amxinwa angama 38 x 38 mm)
Isilingi	Irhinobhodi ibethelelwa kumaplanga ophahla ipurline okanye i 38 x 38 mm	Ihadibhodi yeMasonithi , amaplanga, izinki nekhadibhodi ncingo, kunye nelsobhodi.
Ukutyabeka kwakunye nokupeyinta	Umxube wentlabathi yesamente okanye ipeyinti yePVA	Isemkrithi, iBreathCoat
Amandla	limitha zombane ohlawulwa ngaphambili kunye nezilungiseleli zezikhanyisi ezibengezelayo, nesixhobo sokufudumeza amanzi sombane, nestovu kunye neehitha okanye isishushubezi.	Izikhanyisi ezibengezelayo, ihitha yesola yamanzi, ugesi, okanye iparafini



NGOKUNJALO BONA AMANYE AMAPHETSHANA ANGOKU:

- Ukusebenzisa isiza sakho ngeyona ndlela ifanelekileyo
- Ukuphucula indlu yakho, ukwenza utshintsho nokuyongeza



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group
101 Lower Main road, Observatory, 7925
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987